Kule nkomo yesikho, inyama ezityiwayo ziqale zityiwe ngabantu bekhaya phambi kokuaba kwabelwe abasemzini. Kubakho notywala obuthi nabo buqale ukuselwa ngabantu baloo mzi phambi kokuaba kugqithiswe ezizweni. Ukuaba inkosi ikho ihlala ngaku mnini-Khaya, itye kunye naye Yakuaba ke impukane ityiwe ngumguli ihlinzwa igqitywe inkomo, kojiwe izojo phakathi ebuhlanti. Laa mkhono bekusikwa kuwo impukane usiwa kulaa ndlu yomguli, ubekwe entla. Uyakutyiwa yimilowo. Igazi laga 26. inkomo iba ihlatywa likhongozelelwa enqhayini libekwe ecaleni kwalaa mkhono kunye nenqhayi yotywala endlwini yomguli. Kuthiwa ke kuphiwa abanini baloo mzi ababubayo (iminyanya). Ezonto zihlala iintsuku ezimbini zingachukunyiswa, zize ke zityiwe ngale mini kutshiswa amathambo. Kuqale kuthiwa chatha intwana yotywala emathanjeni. Le mini kutyiwa inyama yenkomo leyo amathambo onke ayakhukuzwa agcinwe angatyiwa nja. Ophainja uyipha inyama yodwa. Atshiswa ngomhla wawo wodwa. Inyama yale nkomo iyanikwa ngamandla ebantwini. Kufuneka kungekho mntu unika enga, hlathanga yiyo kanti isekho. Ukuaba abantu baninzi bayitya bayigqibe. Notywala benjiwanjalo.

Ukuaba uthe umguli wabuba kuse phakathi kweziziyunguma zale nyama notywala, kwa-oko iyayekwa ukutyiwa ilahlwe ele komzi ityiwe zizinja kuaba seyikukufa. Akukho mazwi abasathethwa xa kutshiswa amathambo. Kodwa belithi lakwenziwa elisiko, eligizwa ngokuaba lidini, abonakale okunene umguli ephakama kanti wosele phila kukufa abenako.

Ukuaba umguli akaphilanga, uthe wabuba, ubesongwa linyawo neengalo ahlañiswe agokungathi uchophile, aze embelwe umnxhuma ongenzulu nonge banzi kuyaphi kufuphi nesango lobuhlanti beenkomo. Kuaba kuthi ke kuvulwe elinye isango apho zakuphuma khona iinkomo. Umnini-Khaya ke ebethi ukuneliwatywa kwakhe ajongiswe ekhaya ezindlwini, ambathiswe 27/ngengu60.....

27. ngengu6o yakhe. Impahla zakhe bezifakwa kwalapho enchwabeni (iintsimbi, iinqawe njalonzalo).

Uku6a unyama wakhe omkhulu ububele kwakweloo nxiwa, u6enchwatywa kwasocaleni kukayise apho. La manchwaba kubekwa emlonyeni wawo ilitye elitha ya6a kuze kuditywe ngomhla6a lo u6e uphuma emnxhunyenini wencwaba. Ngaphezulu kubekwe amahlahla okuthintela inkomo uku6a zingagqu6i enchwabeni, nezinja uku6a zingaliphandi. Lamahlahla e6ehlala apho ade a6ole kungekho mntu ungaze acinge ngokuwabasa konke noku6a seleziswele kangakananina iinkuni. Fudula kudala kunchwatywa kuphela iinkosi nabanini-makhya. Abanye 6e6efunelwa iminxhuma yamahodi 6aphoswe kuyo kubekwe amahlahla emithi enameva. Abantu abenjiwenjalo 6e6elindwa de 6a6ole. 6athi 6akubola ke 6anga6isa lindwa, 6a6e sisi-sulu samaramnco asendle. Yiyo loo nto 6ekuthi xa kukhuzwa umntu kuthiwe sizokuthi "Pum'ehlathini, hamba phakathi kwa6antu," ku6a umlindi sidumbu e6ehlala ehlathini engasahambi ezindaweni zembutho ya6antu a6angahlelwanga kufa.

- Umntu oyindoda xa egula wongiwa ngamadoda azizizalwane zakhe. Akububa ulungiswa ngunyana wakhe ophakathi ethunywa ngomkhulu. Om-
28. khulu unyana akasiphathi isidumbu sika yise. Uku6a akukho nyana sele-mkhulu uza emva komkhulu, siphathwa isidumbu eso nguyisekazi. Nase-nchwabeni ulungiswa kwanguloo mntu u6emsonga ukububa kwakhe. Xa ethwalelwa enchwabeni u6anjwa zizizalwane, amadoda elahle iingu6o phantsi, kodwa unyana omkhulu yena aka6ambi konke. Kwakugqitywa uku-ukhupha inkomo ayinike lowo e6elungisa isidumbu nchwaba unyana omkhulu ~~xxxxxaka6ambixkonkexxxKwakugqitywaxukunchwaba~~ engumucwa6i kayiso ke ngoko. Loo mntu uthi noku6a ungumninawe wonyana omkhulu, ahlonitshwe njengomchwaba6i womnini-khaya. A6afazi a6ambizi ngegama noku6a 6ekungekho mfanelo yoku6a 6alihloniphe igama lakhe, noku6a ngaphambili 6e6efudula 6eli6iza. U6a njengomnye wooyise a6a 6ahloniphayo.

Oyinkazana umntu wongiwa nga6afazi aze akububa alungiswe kwanga-6afazi. 6athi ke xa azakunchwatywa 6amthathe 6ambeke elucangweni lo6uka. Amadoda ke ayangena amtha6athe ~~ix~~ ukumsa enchwabeni ngoloo cango, afike am6eke phezu kwe nchwaba. Kungena amadoda omzi wakhe amlungise. 6ekungayi 6antu 6eminye imizi emnchwabeni phambili. 6eku-siya imilowo yodwa. Nayo imilowo i6e ihlalela gama kusondele loo

/madoda.....

madoda amfakayo.

Emva komnchwabo kuyazilwa iintsuku kungatywa masi, kungakanjwa ukuyiwa kweminye imizi. Ngale mini kunchwatywayo akutyiwa nto kunge-  
29. ka fihlwa. Kudla ngokutyiwa sekusemalanga mhlawumbi selitshonile. Ukufihlwa kungamaxesha ama6uni kusasa phambi kwentlazane kungenjalo emalanga. Akukholisi kufihlwa emini emaqanda noku6a ukusetyenzwa kwenchwaba sekugqityiwe.

Ukusuka enchwabeni kuyiwa emlanjeni ngumntu wonke ukuya kuhlamba imizimba. Kubugwa kuguywe iintloko nga6o 6azizizalwane ezisondeleyo kumfi. Ziguywa nga6angamadoda na6antwana. Eza6afazi zikhululwa upho tho zi6e ngamadlazalala, zingaqatywa mbola. Kukhululwa zonke iintsimbi, a6antu 6a6e 6a6i.

Emva kweentsuku ezingange cawe onye kufika usuku loku6a komulwe. Ngaloo olo suku kuyiwa ku6lanjwa kuxhelwe ibokhwe. Kuthiwa kuyaxukuxwa ngayo. Kubakho amazwi athi xa ihlatywayo emalanga:- "Uze usikhangele'6ani' xa uyindoda." Yaku6a ityiwe lebokhwe 6akhululekile a6anti 6aloo mzi uku6a 6awatye amasi, 6ahamba-hambe phakathi kwemizi ekuftshane ezizihlo6o, nakhona ngamaxesha ekungazuku6akho 6antu 6eminye imizi.

Emva kokomula kuza a6antu a6azokukhuza ukububa komzi-izizalwane zikhatshwa nga6antu a6amaziyo iye umfi. 6afika 6afun6 uku6a umntu osele wayintloko yomzi a6akho 6aze 6ekisa kuye 6athi: "Sizokukukhuza '6ani'. Sizokukuthatha uku6a uhambe phakathi kwa6antu.

30. Ngale mini akwenziwa nto ku6a ikwa nga6aa 6azalwane 6a6eze kuwomulisa umzi. Inkosi ke iyathumela uku6a iyeza kukhuza ngomhla othile. Iza nesizwe sonke yona. Inkosi ikhetha umntu osentliziyweni kuyo uku6a enze amazwi. Lo mntu uthetha kwa amazwi athi: "Sizokukukhuza uku6a uphume ehlathini uhambe e6antwini. Emva kwa loo mntu kuthetha inkosi kwangamazwi akhuzayo, omelezayo. Inkosi yona yeleka ngamazwi ayala usapho olo lushiywe yindoda enkulu, uku6a lugcinane, lu6ekane, luncedane lululamele intloko yalo leyo ithathe isikhundla somnikhaya. Unyana lo uzokukhuzwa uyathula angathethi konke. Kusuka umzalwane a6emuye a6ulele into eyenziwe yinkosi ukuza kukhulula umntakwa6o. Ukungathethi oku konyana oyalwayo kwenziwa nga6oni; lisiko. Akufuneki athethe ebu6elwe uyaku6a lula. Kuthiwa: "S'ukuthetha usembi."

/Kuxhelwa.....



Kuxhelwa inkomo, kuxhelelwa inkosi le. Inkosi ixhelelwa inkomo ingac yobokhwe. Olu khuzo lusilelwa utywala. Wonke umntu kufuneka ahluthe

Indlu yomfi iyawiswa. Zonke izindlu ebe zizezakhe ziyawiswa. Abafazi abashiyayo bakhelwa ngokutsha. Isibaya (ubuhlanti) siyashe-  
 nxiswa kulaa ndawo besikayo sakhiwe enkundleni ngaphambi kwenehwaaba  
 nkuze lona libe ngezantsi kothango. Njengokuaba izindlu zimane zidili  
 31. ka zivuswa kuluhlu olungemva kwezo zindala, ukuze ekuqhubekeni kwexe-  
 sha kuvuleke inkundla ebanzi phakathi kwezindlu nothango. Ukuaba  
 unyana osele ngumnini mzi ubube kungokafudukwa kwelinxuwa uthango nez  
 ndlu zifuduka ngoluhlobo seluxheliwe yenze loo nto ukuaba utyululu  
 lokuaba umva komzi lubonakale ngoqqa wenxiwa, nokrozo lwamanchwaaba  
 nezisele ezidilikileyo ezantsi komzi.

Malunga nethuba lenyanga ezintathu abanye abafazi abuyele baxele-  
 lwe ukuaba baphothe njengesiqhelo. Owakhe yena umfazi ugqiba ithuba  
 elimalunga nonyaka ezaxwebisile, ezilele indoda yakhe. Emva koko nay  
 ubuyele aphoto. Ukuaba kukho abasazalayo abafazi abale ndoda bayangenwa  
 zizininawe zale ndoda yabo ukuze bangemki, bazalele umfi.

Kubizwa imilowo iyithethe loo nto, banyulelwe amadoda amakabazali  
 se. Umfazi unelungelo lokuphendula xa enyulelwe omnye umntu. Kodwa  
 bonke abantu abanyulwayo ngabo basiduko sinye nesendoda yakhe bezalane  
 ngokohlobo lobuntakwabo kundoda yakhe. Umntu ongena umfazi womfi uza  
 nebokhwe afike ayixhele apha kulendlu yalo mfazi. Uthi uhlamba izi-  
 tya ngayo ukuaba abe yindoda yaloo mfazi. Abantwana abazalayo ubaza-  
 32. lela umfi. Xa kuzokulotyoliswa kowabo kwaba abafazi umngem lo aka-  
 loboli yena; kulobola kwa unyana womfi kuaba umngeni uzalisa nje yena  
 akandoda yamfazi amngeneyo.

Xa kubube wele kuthi phambi kokuba kunchwatywe elibubileyo kuqa-  
 le kulale enchwaeni elo lisaphilileyo. Kuthiwa "kwendlalelwa elo  
 libubileyo! Kukhululwa impahla zeli liphilileyo zinchwatywe neli  
 libubileyo; ukuze ezi zelibubileyo zinxitywe leli liphilileyo. Nje-  
 ngokuaba xa esemancinci amawele anemithana yomhlontlo emile ecaleni  
 kwendlu, lakububa elinye lama wele nelinye ihlontlwana lisuke lome  
 ngokwalo lingenziwanga nto.

#### Umtshato.

Umfana uzeka kubantu angazalani nabo; kubantu abangesiso isiduko  
 asiso; okokukuthi umntu wesizwe sakwa Ngooya akayizeki intombi ekwa  
 /11 Ngooya.....

11 Ngcoya noku6a se6ahlukene kude ngomli6o woyise nokuma elizweni. Ngesiko 6ayazalana, 6agazi nye. Uku6a intombi yesizwe sakwa Ngcoya yendele kumfana wesizwe salwa Nguni. Umfana wesizwe sakwa Ngcoya, wakwa kulomzi u6e usewuzekile ngaphambili, use nokuyakuzeka kwa Nguni nakuwuphina umzi wakwa Nguni kudityaniswa nalowo 6esekuzekiwe kuwo ngaphambili. Kodwa ke akuvumelekile uku6a umfana wakwa Nguni yena x angazeka kumli6o wentombi yakwa Nguni. Angaseka kusizwe sakwa Ngcoya

33. esingenguwo umli6o wegazilakwa Nguni. Phambili 6ekungavumelekile uku6a umfana ayokuzeka kulo nina mhlawumbi kulo ninakhulu. Kodwa ke njengoku6a sesitshile uvumelekile ngezimini uku6a azeke ukuvusa u6u-hlo6o.

Umntu akamzeki udade wa6o wakokwa6o, mhlawumbi ka nin'omncinci mhlawumbi unin'omkhulu; akamzeki udade-6oyise, udade6onina noku6a nga6aluphina uhlo6o, onjengoku6a a6e ngudade 6oyise ngokuzalana koyi-se, mhlawumbi oyise-mkhulu.

Uku6a indoda ithe yalala nomntu wezindidi yalelweyo uku6a izizike kuthiwa 6enze umbulo. Ukohlwaywa kwa6antu a6enze umbulo, 6eziswa phakathi kwe6andla, 6ahanjiswe ze 6ethukwa. Uthi lo uyindoda, uku6a unenkomo yakhe, ayikhulule, mhlawumbi anyanzelwe uku6a ayikhulule, ixhelwe. Lenkomo kufuneka i6e 6ala lindaka. Uku6a ayikho ezinkomeni zakhe kutshintshiswa ngenye kuthengwe inkomo e6ala lindaka. Uku6a akanankomo i6a ngyise okhupha lenkomo emayixhelelwe umbulo.

Le nkomo iyaxhelwa, waye wonke umntu ofikayo nyavakaliselwa uku-6a le nkomo yinkomo yamanyala, yombulo. Kufunwa amahlamvu akrakrayo, ifuswe emlilweni wawo ukuze ikrakre. Loo nyama yenjiwenjalo inikwa 6benzi 6ombulo uku6a 6asikelane 6ayitye. Le nto yonke yenziwa kaku6i ngokubadlathuluzwa a6enzi 6o6u6i. Na6o 6ayaqonda uku6a a6antu a6a

34. se6ezinyamakazi ngaku6o. A6a6i nathemba loku6a 6akusinda ekugetye-ngweni ku6a kuthiwa 6athakathile. 6adla ngokufudekela kwamanye ama-zwe uku6aleka ingqumbo ya6azalwana.

Uku6a isizwe sesandile sade sanezindlu esezizibiza ngamanye ama-ganyana ezibongweni zaso kuthi uku6a kwenzeka umbulo kusese kuthethwe ezoku6a lowo uyindoda makamzeke ku6e ke ngoko ukusukela loo mini wamzeka umbulo uhlanjiwe ezo zindlu zo6a zizizwe ezizekanayo. Ukuwuhlamba ke umbulo kufuneka akhuphe umfana inkomo eyodwa enga6alelwa khazini ekuthiwa ihlamba umbulo. Umzekelo wokuzekanu kwezizwe

ezikufutshane ngoluhlobo loku6a izindlu zahlukene ngezibongo siwufu-  
mana ku Madlamini; akho ama Zizi akwa Jama namanye AmaZizi angengo  
wakwa Jama, oko Mzekelo amaCho6o. LamaDlamini ayendiselana kuse ku-  
thiwe umfazi ngu MaJama mhlawumbi maCho6o endaweni yoku6a maDlamini.

U-Qhawulo lomtshato - Umtshato uyaqhawulwa phantsi kwezimek

(a) Umfazi akuziphatha, uku6a ungumntu osoloko emithiswa ngaman  
umadoda, yaze indoda yadinwa. Kuyakhethwa xa indoda imalile. Xa  
kukhethwayo ilisu umfazi alizeleyo endodeni libethana nenkomo ukuze  
kuthi kubekho inkomo yempahla awayeze nayo x umfazi ukwenda kwakhe.  
Ngoko indoda eyayilobole inkomo ezisi6ozo waze umfazi wazula a6a-  
35. ntwana (amasu) a6asixhenxe ayikhethi nto. 6asuke 6ahlukane nomfazi  
enga mfuniyo. Uku6a yayilobole inkomo ezisi bozo waze umfazi wamasu  
Mathathu ifumana inkomo ezine xa kukhethwayo:- ezintathu zimele a6a-  
ntwana, enye imele impahla ngoko ibuyelwa x zinkomo ezine. Amasu xa  
egqithile ezinkomeni akukhethwa ku6a indoda ayihlawuliswa ngokugqi-  
thisa ekhazini nga6antwana. Ililungelo kusontombi kungekaliwana  
uku6a angavumi uku6a ikhazi libe ngaphantsi kwamasu ngokumane elo6o-  
lisa njalo kumkhwenyana.

Uku6a umfazi wayemithiswe yindoda yaze yadliwa xa kukhethwayo  
ezonkomo azicalwa ukuthi ndoda wawuse buyiselwe ikhazi zezankomo  
zokumitha komfazi. Yiyo loo nto a6anye osontombi bathi uku6a intomb  
yakhe iphithiswe ngumntu wahlawula, bayokulobolisa ku mkhwenyana nge-  
lithi, "Asintombi yakho avungese udle ikhazi ngayo. A6anye a6abi  
namandla okuyenza lento ngenxa yokudana lihlozo elenziwe yintombi  
yakhe. Umntwana osisi zeka6ani soku6a umfazi aliwe akashiyelwa nkom  
ku6a umika nomfazi, asingowendoda.

Iinkomo zentlawulo yokumitha komfazi zine umntwana a6e ngowendo.  
da yomfazi uku6a ayimali. Iinkomo zokuhlawula kokumitha kwentombi  
36. zintlanu; umntwana a6engowaloo ndoda iyimithisileyo.

(b) Ngelinye ixesha i6a ngumfazi odinwa yindoda ngokuthanda  
enye indoda mhlawumbi ngokuphathwa kaku6i yindoda leyo yakhe. Kuthi  
ke uku6a uyise womfazi woyisiwe yintombi yakhe kufuneka ngokwesiko  
ayibeke loo nto isimangalo ku Nkulu yaloo mzi ngokokuzalana kwa6o  
ukuze ithethwe. Uku6a akaneli sisigwe6o senkulu leyo uthwale impahla  
aye kowa6o. Indoda nayo uku6a inengxa6ano engevaniyo ngayo nomkayo  
immangalela ku Nkulu ukuze 6ahlanganiswe ithethwe yimilowo. Uku6a

akeva immangalela kuyise womfazi ukuze ayiyale intombi yakhe. Kuxa koyiswe ezinkundla ekudla ngokuthi kulandele ukhetho no Qhawulo Mtshato. Uku6a umtshato awuqhawulwanga ngokukhetha noku6a umfazi silede ende azale abantwana kuloo ndaba, usazalela leya yokuqala angazange akhethe. Indoda yokuqala iyakuze iyokuwawola amakhazi entombi ezizelwe kule ndoda yesi6ini.

### Izindlu

Inkosi i6e izeka umfazi wokuqala ekuthiwa siso sula-mdaka. Lo mfazi uzala oonyana ababaziinkosi kodwa bengezondlamafa zenkosi.

37. Uku6a umhla6a ukho bayanikwa isiqwenga baphathe abantu. Kodwa sona isihlalo senkosi sikude ku6o. Uku6a umhla6a awukho abangawuphathayo baluluhle nje. Ikokwa6o lifuya ngokuphawulelwa nangokusebenza koonyana balo besaku6a badala.

Emva komfazi womdaka inkosi inokuzeka owasekunene kuqala mhlawumbi owendlu enkulu kuqala. Owasekunene uzekwa ngenkomo zenkisa mhlawumbi ezika yise wenkosi, isizwe asikhuphi nto ngaphandle kobani nobani esuke inkosi yazizika ku6o njengezihlo6o mhlawumbi induna ingelo nyanzelo nku6a balo6ole. Ukunene ke ku6a lu phondo olulodwa olungenabudlelane nendlu enkulu ngamafa ngaphandle kwaxa kungazalwanga mpela ekunene. Lithi ke ilifa lasekunene liye kundlu enkulu. Uku6a kuko oonyana ekunene liya kwa6o nyana kude kuye kowokugqibela. Ekuphatheni umhla6a bakwafunyaniswa njenga6aya bomfazi womdaka xa umhla6a ukho. Uku6a awukho baluluhle. Bangabaninawe enkosini yendlu enkulu naku6o bonke oonyana bendlu enkulu, nabama-qadi endlu enkulu, nangona kuzo zonke inkosi bahlala oonyana basekunene bencwase uku6a-nga, bengayamkeli kakhhle into yoku6a bangabaninawe.

38. Indlu enkulu yona izekwa sisizwe. Xa inkosi izakuzeka umfazi wendlu enkulu kuhlenganiswa isizwe kuthiwe, "Inkosi ayinamfazi. Isizwe asinamama." Kungenjalo i6e zinduna ezinkulu ezindulula inkosi ngokuthi, "Isizwe sifuna ikokwaso." Uku6a ke inkosi i6e xa iseyanele ngabafazi ithi ukuphendula, "Ni6ona njanina, mna sendiphelile ukuza k'itsho isazula. Amaphakathe ke ayazi uku6a xa isitsho inesithandane-kazi kubafazi bayo ejonge uku6a kubekwe sona. Saku6a siqondiwe ke eso sithandane-kazi uku6a silungile uku6a kubekwe sona, kubekwe sona. Inkosi inako ukunyula uku6a kubekwe intombi noku6a asiyo yankosi.

/Uku6a.....

Uku6a inkosi ke ivume uku6a kuzekwe umfazi ozaku6a yinkosikazi, isizwe kuthiwa masikhuphe inkomo. Ezinkomo zikhutshwa ngovuyo, kway noku6a zisele ekhazini azi6i saphindela ku6a-ninizo zi6a zezenkosi uku6a izifuye mhlawumbi izeke omnye mfazi ngazo. Lowo uzekwe ngazo bezingakhutshelwanga yena akanabango lokuthi walotyolwa ngenkomo zesi zwe ku6a zazilotyolwa seyizeze nkosi. Loo mfazi uthe wabekwa sisizwe uku6a a6e yinkosikazi, unyana wakhe uthatha isikhundla sika yise e6u-khosini. Le mini uduli lu6onwayo, intombi nabanakwazo zoduli nabendi si, 6akrela enkundleni phambi kwe6andla lesizwe, ukuze izikhulu zesi-zwe zithethe lamazwi:- "Namhlanje lo mfazi uzekwayo yinkosikazi yesi sizwe ezakuzala inkosi." Unyana wenkosikazi nguye o6a yindlamafa ye-nkosi kuzo zonke iimpahla zayo engaziphawulelanga a6ezinye izindlu.

39. A6anye a6afazi a6azekwayo 6abangamaqadi endlu enkulu, nendlu yasekune ne njengoko 6ezekwa ngenkomo Zendlu enkulu mhlawumbi Zendlu yasekune-ne. Ku6akho nabafazi a6azekwa ukuvusa umfazi obubileyo. Unyana womfazi onjalo ngumninawe wonyana walondlu unina avuse yona. Odade wa6o 6alilifa kunyana walondlu ngokungathi 6azalwa ngulamfazi wa6uba-yo. Amaqadi wona akupha umphunga (okokuthi ikhazi lentombi enkulu) ukuya kuloo ndlu inkomo zavela kuyo xa kwakuzekwa iqadi. Amanye ama-ntombazana namafa ase qadini adlwa ngunyana wase qadini omkhulu. Ngaxi limbi umfazi akazali wendlu ethile. Inkosi inako ukuzeka omnye ngee-nkomo zaloondlu kuthiwe sisiso saloondlu. Umfazi onjalo akanagama ngaphandle koku6a "usisisu" Oonyana a6azalayo 6abazindlamafa zaloo ndlu kodwa imicimbi ya6o a6ayenzi nonina lo u6azeleyo 6ayenza nonina lowo 6azalelwe yena e6engazali. 6azindlamafa kuye 6angonyana 6akhe. Unina akukho nemfuneko yoku6a aphawulelwe ku6a unjengo ngekoyo, usi-sisu ngokwenyani.

- Xa kungazalwana endlwini enkulu ilifa liya eqadini lendlu-enkulu njalo ke kude kuye eqadini-leqadi lendlu enkulu ngoku6ekwa kwawo. Xa kungazalwanga eqadini lase kunene ilifa liya ekunene njengendlu yalapho, kodwa xa kungazalwanga endlwini yase kunene ilifa lasekunene
40. aliyi eqadini lase Kunene, liya kundlu enkulu, ku6a iqadi lijongwe njengelifa. Lithatyathwa kunye neloo lifa li6e ke ngoku liqadi lendlu enkulu ekugqibeleni koluhla lwamaqadi endlu enkulu. Kodwa xa kungazalwanga ekunene kudla ngokuzekwa umfazi ofakwa ekunene ukunganda

/uku6a ilifa.....

uku6a ilifa laloo ndlu lingayi kundlu enkulu. Yena ke loo mfazi uvu-  
sa ukunene uku6a e6ebubile umfazi wase kunene, a6e sisisu uku6a useki

Akububa umninkhaya umkakhe akanalungelo elifeni lendoda ngapha-  
ndle nje kokondliwa ngunyana wakhe oyindlamafa kuloo ndlu, mhlawumbi  
uku6a akazalanga nyana, loo mntu unguye oyindlamafa. Umfazi womfi  
uyahlonelwa, axelelwe yindlamafa xa izakwenza into ezimpahleni zomfi,  
indoda yakhe.

A6antu a6angezizo inkosi a6a6eki, ngoko loo mfazi uzekwe kuqala  
nguye inkosikazi. Olandelayo kukunene. A6alandelayo ngamaqadi ezo  
zindlu kuzekwe ngerkomo zazo. Amafa alawulwa ngo kohlo6o olunye no-  
lwenkosi, oko kukuthi ngokuluhlo6o luchazwe ngentla apha.

Isiko loku phawulela.

Kuphawulelwa oonyana a6ancinane ku6a omkhulu ujongiswe elifeni  
eliya kushiywa nguyise. Xa kuzakuphawulelwa unyana ku6izwa unyana  
omkhulu kunye noyisekazi ukuze aphawulelwe 6e6ona. Uku6a unyana om-  
khulu usemncinane ku6izwa ooyisekazi 6a6one ukuze 6a6engamanghina  
oku6a okwenyana waphawulelwa. Uku6a ayenziwa nga le nto kufana noku6  
41. akaphawulelwanga. Unyana omkhulu uku6a uyathanda, unoku zithimba.

Iimpahla yonyana ilawulwa nguyise kuyo yonke into. Unokuxhela  
kuyo xa ethanda. Akukho mahluko kulendlela yokulawula impahla yonyan  
noku6a yeyentsebenzo yakhe noku6a yeyokuphawulelwa. Kodwa umzali  
olungileyo ongafuni sikrokro koonyana 6akhe, uce6isana na6o ngeempa-  
hla za6o phambi koku6a enze into kuzo.

Amasiko asendlwini.

Umfazi kufuneka angayi kucala lika yise endlwini. Akalitshayeli  
akalitya6eki. Ucela ukwenzelwa nga6antwana. Akukho nto anokuyenza  
kwelicala lika yise. Umfazi akaliphathi iselwa ngaphandle koku6a  
lelomntwana wakhe, nakhona a6e nvulelwe uku6a eli lomntwana wakhe  
angaliphatha. Umfazi akangeni e6uhlanti enganyatheli nasenkundleni  
de asuke eme owakhe umzi. Uyangena ku6uhlanti 6omzi owakhelwe yena,  
kodwa uku6a utha6athe umzi ka yise akangeni e6uhlanti 6awo nenkundla  
yawo engayinyatheli.

Uyise akayi kucala lika molokazana endlwini ka molokazana engena  
kwambatha nengu6o eyambathwa ngu molokazana. U-molokazana naye aka-  
yiphathi into esetyenziswa nguyise. Umfazi kufuneka angazithi6i

/iintonga.....

42. iintonga zamadoda. Lento yoku6a umolokazana angaziphathi izinto ezi setyenziswa nguyise yimbeko ayi6onisayo yokumhlonela. Nomyeni wakhe akahlali kundawo ehleli uyise. Izinto zika yise uyazihlonipha. Uny na akanako ukuse6enzisa indlu kayise nomkakhe. Ulala enyangweni xa engeka6inandlu yakhe. Kufuneka azakhele eyakhe indlu. Akukhathaleki noku6a uyise nonina se6e bubile loo ndlu i6e iyeya6o akanako ukudi-6anela kuyo nomkakhe.

### Inkosi.

Umntwana oyaku6a yinkosi, aku6a mdala, u6a phantsi kweemfutho ezahlukileyo kwa6anye a6antwana. Kwesakhe isicakathi kufakwa ithambi lengonyama ahlanjwe ngentelezi. Imbiwa, ikhandwe, ifakwe emanzini, ahlanjwe ngayo. Usiwa kwixhwele uku6a limgonye. Kwenzelwa oku uku6a a6e nesithunzi sokuphatha a6antu.

Aku6a mdala uyahlulwa kwa6anye a6antu. Okwakhe ukutya kuyakhe-  
thwa angafumane atye zonke izinto. Aka6ina mphekeli wahlukileyo kwa-  
6anye a6antu, kodwa ukholisa ukutya ukutya okwenziwe ngunina, athi  
aku6a nomfazi atye okwenziwe ngumkakhe.

Aku6a yindoda ku6izwa a6azalwane aze uyise amphe igama ayaku6u-  
liswa ngalo. Eligama, ke, lixelelwa isizwe embizweni. Liyaphakama  
iphakathi lithi xa ku6uliswa le nkosi. Makuthiwe: "A 6ani!" Ukusu-  
kela ngaloo mini uthi umntu xa edi6ana naloo nkosi athi: "A 6abi!"

43. Onga6ulisiyo u6a netyala lokudela inkosi, yaye ngenxa yocuralaru  
me 6amaxsha apha6ibili 6ekungekho mtu unokungayi6ulisi inkosi, eya-  
zi uku6a yinkosi. Apho kuhamba inkosi ku6akho iinduna ezihambe  
zisithi ku6antu ekudityanwa na6o ngendlela: "Yithi 'A 6ani!'" Uku6a  
akatshongo sele delile. Uyaku6iwa ngokudela inkosi.

Xa kuhleliwe isicoko inkosi i6ekwe ngaphambili mganyana e6andle-  
ni, kunga6ikho mtu uhleli ngasemva nasecaleni kwayo ngaphandle kwe-  
nduna enye ehlala ecaleni kwerkosi, engumlomo wokukhupha amazwi athe-  
thwa yinkosi.

Inkosi ayityi namntu kodwa ngamanye amaxesha iyatsho enduneni  
yayo ukuthi mayitye kweso sitya sayo. Induna efumana elo wonga iya-  
hlonelwa nasisizwe njenge nduna esondele enkosini. Induna i6anye  
qwa6a.

### Ukulawula kwe Nkosi.

Inkosi i6a nezi6onda-amaduna-elalini yayo ezililiso lokulawula.

Xa kukho.....

Xa kukho into eyonakeleyo ixelwa kweloo duna laloo mmango, 16e lilc eliyisa komkhulu enkosini.

Inkosi, ke, ithumela umntu wokumbiza umooni lowo eze etyaleni. Kubakho amadoda aba libandla lokuphulaphulisa inkosi. Isiqhelo mandulo sa6e sisesoku6a amadoda avukele komkhulo ukuya kubutha nje kodwa. Kodwa, ke, xa kuth6 akwa6injalo, inkosi ihlanganisa izikhul

44. zelali leyo uku6a zibe6kho ngomhla ewumisele uku6a a6a6ambeneyo ze6e ze etyaleni elo.

Amanqhina ayashenxiswa amane e6izwa ngoku6izwa. Ummangali nomangalelwa 6a6ekwa mganyana phambi kwe6andla kodwa 6atha6athe izikhundla ezahlukeneyo. Kuqale kubekiswe kummangali uku6a anike inkcazo yakhe. Ummangalelwa unikwa ithu6a lokuzi6uzela kuloo nkcaz nenkosi namaphakathi iyayenza imi6uzo kundawo ezinqweneleka uku6a zicaciswe. Emva koko ku6izwa amanqhina kandimangele kwenziwe imi6uzo kwa ngololuhlo6o i6enziwe ku ndimangele.

Emva koko ummangalelwa wenza eyakhe intetho yokuchazela inkundla ngomonakalo lowo nokuphikisa iintetho zika ndimangele namanqhina akhe anga6a ufuna ukuziphika. Uyaxutyushwa libandla ngemi6uzo, ulandelwa ngamanqhina akhe ummangalelwa athi nawo agxogwe libandla ngemi6uzo njengoku6a 6ekwenziwe kummangalelwa. Nondimangele uvumelekile uku6a enze imi6uzo kundimangele namanqhina akhe kwangeloxeshi libandla li6uzayo. Namanqhina akugqiba eyawo intetho ajika a6e libandla, a6enokuyenza imi6uzo athanda ukuyenza. Ngexesha umntu a6uzay naxa suku6a esenza intetho phambi kwenkosi kufuneka eme ngenyawo athule umnqwazi entloko ngaphandle koku6a uvunyelwe yinkosi uku6a angathetha ehleli phantsi.

45. Kwaku6a ku6uzwe ngokwaneleyo macala, undimangele nommangalelwa namanqhina a6o 6ayashenxiswa, kushiyekwe kuxovulwa ityala libandla uku6a lifumane esona sigwe6o silungileyo singenziwayo. Kwaku6a kuvunyelwene ngesigwe6o 6aya6izwa a6amangalelani namanqhina a6o ukuze isigwe6o sinikwe yinkosi ingatolikelwa, ezindlebeni zika ndimangele nommangalelwa namanqhina a6o ne6andla. Lowo ugwetyiweyo kufuneka ngeentsuku ezim6alwa ahlawule uku6a ityala elo lelifuna intlawulo kumgwetywa. Uku6a akahlawuli kukhutshwa komkhulu "umsila

Loo msila i6e i6a yinduna yakomkhulu iphethe umsila wengwe, uhle nywe eluthini. I6e ifika iwugxumeke phakathe komzi lowo udliwayo.  
/Yakugqiba.....



Yakugqiba ukuwugxumeka isuka ibaleke kuaba isazi ukuaba ingabulawe ngabo bantu ibazisele intimbo. Ithi, ke, xa isentla komzi, imemeze emzini lowo ithi: "Naango umsila wakomkhulu!" Abantu baloo mzi'kwa-oko batsho baphithizele kuaba "Umsila wakomkhulu awulali emzini, waye uhlawulwa ngenkomo eyodwa eyahlukileyo kweziye zesigwebo. Uncothulwa ngentlawulo yenkomo kuloo-ndawo, waye ukuaba umntu uwudelile akawunaka ubethinjwa zonke inkomo zakhe ngempi mhlawumbi naye abulawe ukuaba akasabanga tanci.

Ubutyebi bakomkhulu buchithwa ngoku tyiwa li komkhulu neenbapho 46. zalo na ngokubusiswa kweenduna zakomkhulu.

Nongumzalwane, ukuaba uyathanda uyaabusa Komkhulu, athi ke ngentse benzo yakhe, esebenzela inkosi neenbapho yayo ngaphandle kokuqeshwa, abusiswe inkomo nokuaba yintonina ke athe wajonga yona ekubuseni kwa-khe. Abanye baye babuse inkomo, abanye umhlaaba, abanye ingubo njal njalo. Umntu ubusiswa loo nto athe uzokubusa yona, athi ukuaba akanyumbanga nto, abusiswe loo nto inkosi ithande ukubusisa yona. Xa umntu ebulela ukubusiswa usuke alahle ingubo ange isandla senkosi ngokusincamisa nokuaba kukuliphina icala.

Ngeendlala ezinkulu ngulowo uyaziphandela indlela zokuphila kodwa isandla senkosi siyakhululeka kwaabo sukuaba bezokuzifeka njengoko abantu abantsundu bexhasana kakade. Uthi ongena kutya ankinkqe isikotile kwaabo banentwana abasityayo kanti wophila ide indlela igqithe.

Inkosi kuyo yonke into eyenzayo isoloko ibambisene nebandla layo Inalo ilungelo lokwenza ngaphandle kokubungisa abantu bayo kodwa ukuzilawule ugoxolo nangemvisiswano iyabungisana nalo ibandla layo. Ibandla lona soloko lilandela inkosi. Liyayiphikisa xa ngaba ayinkanizi kodwa xa inkaniza liyayithobela. Kodwa ithi inkosi ukuaba iphikele 47. ukuqhuba ngaphandle kokuvana nebandla iqa'uke seyinge nalo ibandla, ice ke ngokh, isisichenge seentshaba zayo.

#### Isiko le Mfazwe.

Intsupho, abafazi nabantwana, iyesatyiswa xa kubonakala ukuaba kuzakuliwa. Yesatyiselwa emahlathini kunye neenkomo. Kakukho imfazwe impi yonke ihlanganiselwa komkhulu, iphume khona ukuya endle. Ekuseni kuloo ndawo ilele kuyo kwentiwa isanqha ukuze inkosi negqira

lemfazwe bangene kweso sanqha. Igqira liyawunyanga umkosi lowo ukuzi inkosi yona iwače, ikhupha izininawe zayo isithi: "ćani (itsho kumninawe wayo) hamba nama 'thile' nama 'thile' lawa!" Iyaća ngoloo luhloćo impi ide iyigqiće ukuyenza amagqiza ngamagqiza. Yona ishiyel neqela lamaćoda aseshumini. Ayiyi yona elutshaćeni phaya. Lamaćoda wona ayalinda agade ukuća umkhosi uqhuća njanina notshaća, ukuze kuti ukuća umkhosi woyisiwe yimpi yotshaća inkosi yesatyiswe. Ukuća i komkhulu litshisiwe ića ke ngoko inkosi igxothiwe yimpi yotshaća.

Iinkosana ezizizininawe ngamanye amaxesha ćezisuka ziphume impi ngaphandle kwemvume yenkosi. Zithi ke uća Zeyisile, zaze zathimba iinkomo, kufuneke zikhuphe iinkaći ezimbini ekuthiwa ngu "Mphunga" Loo nto kukućonisa ukuća inkosi leyo ćayivuma ukuća iyingqonya.

48. Ukunqamka kwesisithaćatha kwelatha ukuća loo nkosana seyiziphethe. Ixhoca lemfazwe ića lelenkosi. Ziqhutywa ezo nkomo zithenjiwey ziyokugalelwa ebuhlanti komkhulu. Inkosi isuka imane ićithi kwaća-zintloko: "ćani, Khupha leya wena." Yaćela iintloko eziphambili esizweni. Aćanye ćalwela nje ukunyusa iwonga layo kungekho ntlawulo ćakuze ćayifunane ngaphandle kokuzićela exhoceni apho xa lingekayi komkhulu, kungekho nduna y yakomkhulu ićonayo.

Aćafazi xa kukho imfazwe ćasećenza ukuhlaća umkosi. Ića ngaćo aćamazwi aćukholi ukuthi, "Iwu!!! ićambene ngazo ekuthini" Lomntyanampo ćanikezelana ngawo kumimango ngemimango. Akukho ndoda ićuye iće nomćuzo yakuwuva. Iwu ezikhalini zayo isinge kwelo cala uvela ngakulo. Aćafazi ćashiyeka ćeqokelela iintsapho zaćo. Xa impi iza-kuhlangana notshaća ćafinyezela phezulu ćaće ćuhamba ze ukuyinika amandla. Kwakufika iindaća zokuća "iinto zoonantsi zisele" akufuneki ćenze sikhalo.

Ngexesha lemfazwe kutyiwa inyama namasi kuphela kuća izisele zishiyeke emva xa sekusatyelwe emahlathini.

Xa kusaliwa imfazwe amaćoda akufuneki adićane naćafazi ćawo, angayi nasemankazaneni kuća kuthiwa ayakuthamba aćulawe lula lutshaća.

END. S. 462.